

# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.

## Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.



Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.



Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.

UTshepo wayememe umhlobo wakhe uRobert ukuba aye kulala kowabo. La makhwenkwe ayonwabele umdlalo wekhompiyutha kaTshepo weNintendo.

"Andizange ndiwubone umdlalo wekhompiyutha ofana nalo!" wakhuza uTshepo. "Yiza uzobona xa ndihlaselwa ngamarhamncwa!"

"Wowu!" wakhuza naye uRobert. "Wawufumana phi umdlalo owoyikisa kangaka? Kuza kufuneka ulumke ndoda, kungenjalo aza kukufumana la marhamncwa!" wongeza ngelitshoyo.

"Nalo elinye lisiza!" Ingathi liza kundifumana!" wakhwaza uTshepo.

"Khawulijonge! Linentloko, amazinyo nomsila oku kweThinasorosi Reksi. Linoburhalarhume!"



"Hee Tshepo noRobert," wakhwaza umama kaTshepo. "Bekani pha loo Nintendo niyokulalala ngoku!

"Kulungile Mama, kodwa ndisagqibezela nje lo mdlalo," waphendula watsho uTshepo.

"Ndithi cimani loo mdlalo ngoku!" utshilo umama wakhe. "Nakuphinda niwudlale ngomso."

"Kulungile Mama," watsho uTshepo ecima isibane kodwa waqhubeka nokudlala umdlalo wakhe weNintendo ebumnyameni.

URobert wahliwa bubuthongo ngoko nangoko.

Ngelingeni uTshepo wayeka ukudlala waze walala. Ukukhanya kwenyanga kwakugqobhozela efesitileni kubonakala ekhabhathini esegumbini lokulala.



Ngesiquphe uTshepo wavuka. Yingxolo yantoni leyo? Krr-krr-krr! Gungqu-gungqu! Krr-krr-krr!

UTshepo wataka wahlala ngeempundu ebhedini watsala iingubo efuna ukuzigquma ubuso kukoyika. Amehlo akhe ayelaqaza kwelo gumbi lokulala ekhangela le nto yoyikisayo.

Ikhabhathi yayikhazimla kukukhanya kwenyanga. Nalo ucango lwekhabhathi lushukuma. Kukho into etswinayo!



Kwakukho into engqubeka emnyango.

"Lirhamncwa!" wasebeza uTshepo.

"Ngubani lowo?" wabuza ngelizwi elingcangcazelayo.



Lwaba ngathi luyavuleka ucango lwekhabhathi. UTshepo waxhuma kukoyika walumbakraza ucango. Watyhala isitulo wasibeka elucangweni lwekhabhathi ukuze lungavuleki, uvalo lungongoza.

"Ndiyathemba ndiza kukwazi ukulala ke ngoku," wacinga.

Xa kanye eza kukhwela ebhedini, kwavakala ukugungquza nokubetheka kwento elucangweni. Kweli tyeli yatsho ngamandla.

"Hayi ke ngoku!" wacinga. "Ndiza kuthini ngoku? Andifuni kuvusa wonke umntu endlwini."

Engcangcazela luloyiko, wavusa uRobert umhlobo wakhe.

"Robert, vuka! Kukho into esekhabhathini! Ingathi lirhamncwa, mhlawumbi yi-dayinaso yakudala," wasebeza.

"Hayi wethu uphuphe kakubi. Ndiyeke mna ndilale ndidiniwe," waphendula ngelitshoyo uRobert.

"Bendingaphuphi. Ndide ndavala ucango. Ucango lwekhabhathi beluzivulekela!" wacacisa uTshepo.

"Suk' apha Tshepo. Ubuphupha ngalaa mdlalo wakho, masiluvule kunye ucango uza kubona," watsho uRobert.



URobert watsala umphefumlo ngamandla waze wathatha ubhaka wakhe. Wakhangela kuwo ngaphakathi waza wafumana ithotshi. Waya ngasekhabhathini.

Kwangoko kwavakala okunye ukugungquza. Ema bhungxe amakhwenkwe ajongana esoyika nokushukuma. Kusenjalo eva ukukrwela ngaphakathi ekhabhathini.

"Uvile ke?" wabuza uTshepo.

Wanqwala uRobert. Wayeyiva intliziyo ingongoza esifubeni sakhe.



UTshepo noRobert bachwechwa ukuya ekhabhathini. UTshepo waluvula kancinci ucango wakhanyisa ngethotshi kwikroba elalikho. Kwakukho into ezama ukutyhala ucango.

Kwangoko ithotshi yabonisa amehlo amabini amthubi. Amakhwenkwe atsiba abuya umva kukoyika.

"Inokuba yintoni?" wasebeza uRobert etyhala ucango lwekhabhathi eluvala.

Ukugungquza nokukrwempa kwaya kuvakala ngamandla. URobert wabizela umphefumlo ngamandla waze waluvula ucango. Kwataka into yatsiba ngaphaya kwabo.

"Yintoni leyo"? wakhwaza uTshepo.

"Yilaa kati yakho!" watsho uRobert eyothula intsini.


# Iidayinaso ezimangalisayo

**IIDAYINASO** zaziphila kwizigidi zeminyaka eyadlulayo. Sezatshabalala, oko kuthetha ukuba zafa zaphela tu kwaye soze ziphinde zibekho. Akukho mntu wakha wayibona idayinaso kodwa sinolwazi ngazo kuba iinzululwazi zagrumba amathambo azo namazinyo azo. Iinzululwazi zazikwazi ukufumanisa kwezi zinto indlela ezazikhangeleka ngayo nezaziphila ngayo.

## I-IGWANODON

I-Igwanodon yayiyidayinaso etya izityalo enesipoki kubhontsi ngamnye wayo. Yidayinaso yesibini ukufunyaniswa.





## ITHIRANOSORASI REKSI

Ithiranosorasi reksi (siyibiza ngokuba yiT-reksi ngamafutshane) yayisesona silwanyana sikhulu esakhe sakho esitya inyama. Yayisitya ezinye iidayinaso ezifana netrayiseratopsi. IT-reksi yayimalunga neemitha ezi-6 ukuphakama. Yayihamba ngemilenze emibini emide yangasemva. Yayinemikhono emifutshane kakhulu eneminwe emibini eneenzipho. Imihlathi namazinyo ayo yayomelele kakhulu ilungele ukutya ezinye izilwanyana.

## ITRAYISERATOPS




(ibizwa ngolu hlobo trayi-SER-a-tops)
Olu hlobo lwedayinaso lwaluneempondo ezintathu nefrili entloko. Igama elithi trayiseratops lithetha "ubuso obuneempondo ezintathu". Iitrayiseratops ziqanduselwa emaqandeni. Zazihlala ziyimihlambi zikhusela abantwana bazo. Zazinemilomo eyomeleleyo kodwa zingenamazinyo. Zazisitya izityalo.




## IBRONTOSORASI

Ikwabizwa ngokuba yiApatosorasi, yayiyenye yezona zilwanyana zikhulu ezakhe zabakho kwizilwanyana eziphila emhlabeni. Yayinokhakayi olude nobuchopho obuncinci. Yayisitya izityalo inentamo ende. Amaphumlo ayo afumaneka phezu kwentloko.

## ISTEGOSORASI




Le dayinaso yayinemiqolo yeepleyiti emqolo nezipoki emsileni wayo. Yayinkulu kakhulu kodwa inentloko encinci kakhulu nobuchopho obuncinci. Yayinomlomo isitya izityalo.

# Imisebenzi yokufunda yamaqela



1 Jonga imifanekiso.
Xelela umhlobo wakho ukuba:


- kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye.
- ngowuphi umfanekiso wokuqala, owesibini, owesithathu nowesine.
- sesiphi isihloko esihambelana nowuphi umfanekiso.



Yekani ukudlala ngoku!



Yingxolo yantoni leyo?



Wowu, irhamncwa elinoburhalarhume kangaka!



Yiza nesitulo!



2 Thetha nomhlobo wakho ngezi zinto zilandelayo:

a) Ucinga ukuba yintoni eyahlekisa uRobert ekupheleni kwebali?
b) Ucinga ukuba kutheni le nto uTshepo wayecinga ukuba kukho irhamncwa ekhabhathini?
c) Ucinga ukuba ukudlala umdlalo weNintendo kwaba negalelo kuloyiko lwala makhwenkwe?



2

d) Wakhe waphupha kakubi wena? Ukuba kunjalo, ucinga ukuba yayiyintoni unobangela?
e) Ingaba ibali liphele ngendlela obuyilindele? Qweba esinye isiphelo seli bali.
f) Khuphela izivakalisi ezithathu ezisekupheleni kwebali ezibonisa ukuba amakhwenkwe ebesoyika.
g) Ucinga ukuba lalinjani eli rhamncwa lalisoyikwa nguTshepo? Lizobe uze uchazele umhlobo wakho.




3

Zingaphi izifanekisozwi, okanye amagama abonisa izandi, ozifumanayo apha ebalini? Zixele.
Zeziphi ezinye ozaziyo?



4

Khetha isandi esichanekileyo ugqibezele la magama ukuze ahambelane nemifanekiso: ndl, tsh, nqc.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| i ___ ela | um ___ ayelo | um ___ unube | i ___ u ___ u | isakhwa ___ a |
|  |  |  |  |  |
|  |  |  |  |  |
| i ___ o ___ oni | i ___ ebe | um ___ ibilizi | i ___ ulamthi | iwo ___ i |



4 Yenza ngathi unguTshepo.
Bhala inqaku ledayari encwadini yakho uchaze okwenzekayo ngobo busuku. Qinisekisa ukuba inqaku lakho linesiqalo, isiqu nesiphelo.

Dayari ethandekayo,

Phezolo mna noRobert . . .





5 Khuphela le theyibhile ilandelayo encwadini yakho.
Wakugqiba bhala la magama alandelayo phantsi kwesandi esichanekileyo.



| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| irhali | inyoka | isidlele | umgquba | khwina |
| gqiba | umdlalo | nyuka | dlula | khwela |
| inyanga | khwaza | irhamncwa | gqogqa | rhola |

| dl | rh | khw | gq | ny |
|---|---|---|---|---|
| | | | | |
| | | | | |
| | | | | |



6 Funda iinkcazelo zeedayinaso ezikwiphepha lama-20 nelama-21 uze uxelele umhlobo wakho ukuba yeyiphi idayinaso etya inyama. Yeyiphi idayinaso ejongeka njengeyona inobungozi, xa ucinga?



# IBANGA 3 ULWIMI LWEENKOBE

Inqanaba: 3

## Incwadi 1

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Irhamncwa ekhabhathini |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga lesi-3 Inqanaba 3 Incwadi 1 |
| Uhlobo lwencwadi: | Ibali |
| Amagama ajongwayo: | kufutshane, esezithendeni, ngomtsi, umkhwa, phakathi, ngomsindokazi, xa, ezilenca imilebe, leyo, heyi wena, le |
| Isigama: | ukuna, ezichumileyo, achwechwele, wagragrama, lakatyu, waduka, waxhuma, umsindo, isivuno, isityebi, watswina |
| Izandi: | oo, ee, ty, tsh, mp, chw, gr, ch, tsw, xh. |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Xoxani ngemifanekiso.<br>▪ Bekani imifanekiso ngokokulandelelana kwayo.<br>▪ Balisa ibali usebenzise imifanekiso.<br>▪ Chonga izikhuzo<br>▪ Chonga izifanokuthi<br>▪ Phendula imibuzo elula nentsonkothileyo esekelwe kwisicatshulwa.<br>▪ Bhala inqaku ledayari.<br>▪ Khuphela isivakalisi uze uzobe umfanekiso ohambelana naso.<br>▪ Bhala umhlathi. |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zeBanga lesi-3 zoLwimi Lweenkobe

### Inqanaba: 1

- UMvundlana uqhatha uMpungutye
- Utyelelo elwandle
- Uyolo lwasekhitshini
- Idayari kaNozikhalazo

### Inqanaba: 2

- Izilwanyana ziqhweshile
- UThandi unemini embi
- Impelaveki esingasoze siyilibale

### Inqanaba: 3

- Irhamncwa ekhabhathini
- Ityala lokulahleka kwamaqebengwana
- Yinyaniso emsulwa

ISBN 978-1-4315-2620-8

9 781431 526208

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2620-8

**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

basic education

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.